

## **SITHETHA PHANDLE NGOBUHLANGA NOKUNGALINGANI NGOKWEZOQOQOSHO**

### **ISIKHOKELO SENGXOXO NGOBUHLANGA NOKUNGALINGANI NGOKWEZOQOQOSHO**

*“Yanga iNkosi yoXolo isizwe sethu uxolo, impiliso noxolelwaniso esilulangazelelayo.(2 Kawbase Tesalonika 3: 16)” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).*

## **INTSHAYELELO**

Kwincwadi yokwalusa ka 2016 engobuhlanga ooBhishophu bethu bacela umngeni kuthi wokuba siqale ingxoxo ngobuhlanga kunye *ingasipha* neyantlukwano ezidalwa bubuhlanga. Babhala benjenje: *“Kufuneka sibe nengxoxo enyanisekileyo ngobuhlanga nako konke ukuzibonakalisa kwako ukuze siqubisane ngokunyanisekileyo nangokuyinene ngobuhlanga kunye neyantlukwano ezidalwa bubuhlanga kwilizwe lethu” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).* Silungise isikhokelo esinokusetyenziswa liBandla lakho xa liqhuba ingxoxo ngemiba eyahlukeneyo yobuhlanga nokungalingani ngokwezoqoqosho.

Undoqo wengxoxo kukwabelana ngamabali. Incwadana le ke iqulathe imibuzo enokuncedisa ekwabelaneni ngamabali. Ukubalisa amabali kususixhobo esibalulekileyo sokuguqula ubume bomntu kwanoluntu. Siyathemba ukuba ukwabelana ngamabali nabanye kuya kuzivula iintliziyu zenu ukuze nibe nokubaqonda abo bangafaniyo nani. Kuya kunceda kananjalo nani kwindlela yenu yempiliso kunye nabo basondeleyo kuni.

Le ncwadana inemixholo emithandathu. NiliBandla okanye amaBandlana, ningazikhethela ukuthatha umxholo omnye okanye emibini. Siyawakhuthaza onke amabandla okanye amabandlana ukuba awuthabathe umxholo wesihlanu: Ubuhlanga obungaphakathi eBandleni. Sikwakhuthaza nezikolo zamaKatolike kunye namasebe e ACTS ukuba ziwuthabathe umxholo 6: Ubuhlanga obusezikolweni nakumaziko eMfundo ePhakamileyo –Yunivesithi.

Singakuthanda ukuwaqokelela la mabali size siwapapashe eyincwadi. Ukwabelana ngamabali kungumyalezo kwabo basemagunyeni wokuba bonke abo bathe benzakaliswa sisono sobuhlanga nokungalingani mabangalityalwa. UThixo yena akabalibalanga, bona namabali abo. Injongo yethu yeyokuba sisebenzise le ncwadi inala mabali njengesixhobo sentshukumo yokucela umngeni kurhulumente ukuba makabe nento ayenzayo ngobuhlanga nokungalingani ngokwezoqoqosho. Ngoko ke siyawakhuthaza amaBandla namabandlana ukuba afumane indlela yokuba amanye ala mabali aveliswe ziingxoxo athunyelwe kuthi. Ningawathumela nisebenzisa ezi ngcombolo zilandelayo: Fax: 012 326 6218. email: [tchepape@sacbc.org.za](mailto:tchepape@sacbc.org.za)

Ungazibhalela nawe ibali eliqulathe amava akho ulithumele kwezi ngcombolo zingasentla.

### **Ubuhlanga obuchaphazela ubudlelane boluntu kunye nobuhlanga obuhleliweyo**

Ubuhlanga yinkolo yokuba iqela elithile (ngokwemveli, ngohlanga oluthile, nangobuzwe) lingcono kunelinye. Le nkolo ithi yamkelwe ngamalungu elo qela lizicingela ukuba lingcono. Iye yamkelwe kananjalo nangamaqela akholelwa ukuba angaphantsi kumgangatho welo qela lizenza ngcono. Ubuhlanga busisono esichasene nothando lommelwane nesithi sikhubekise uThixo. Sonke singabantwana boThixo oluthando nowasenza izidalwa zakhe. Ngoko ke, emehlweni kaThixo nakwabanye abantu, siyalingana ngokwesidima nentlonelo.

Inkolo yokuba olunye uhlanga lungcono kunolunye izibonakalisa ngeendlela eziliqela. Inokuzibonakalisa ngokuba neengcinga ezigwenxa nezigwebayo, ngokuquka okungaphangalalanga, iintetho ezingobuhlanga nezenzo zobuhlanga. Oku sikubiza ngokuba bubuhlanga obuchaphazela ubudlelane boluntu. Kufuneka sibuyalasele ubuhlanga obufihlakeleyo nobungacacanga kakuhle. Kulula ukubugxeka ubuhlanga obenzeka ekuhlени, kodwa sona isono sobuhlanga sisoloko sikuthi ngeendlela ezingacacanga.

Ubuhlanga sisoloko sibubona sibayamanise neengcinga ezigwenxa nezigwebayo, iimbono ezingaphangalalanga, iintetho ezingobuhlanga nezenzo zobuhlanga Kodwa nenkolo yokuba olunye uhlanga lungcono kunolunye iboniswa icace gca kwiindlela neenkonzo esizisebenzisayo xa sinxulumana nabanye ekuhlaleni: kumasebe ezemfundo, ezempilo, ezemihlaba, ezoqoqosho, ezobulungisa, ezentlalontle, ingqesho, njl njl. Xa olunye uhlanga lungcono kunolunye, amathuba namalungelo akwezi nkonzo afikeleleka lula kubantu bolo hlanga. Kwelinye icala, oku kudala ukungalingani ngokwezoqoqosho. Umbuso wobandlululo wawusekelwe kwisiseko sokungalingani ngokwezoqoqosho.

Kwincwadi yonyaka ka-2016 yokwalusa ngobuhlanga, oobhishophu bacela umngeni kuthi wokuba sibhangise ubuhlanga nokungalingani okuthi kuhambe nako. *“Xa sileqa amashumi amathathu eminyaka siyifumene inkululeko enedemokrasi namalungelo. Kufuneka sivume ukuba kukho ikhonco elidibanisa uhlanga ubunganga, nokuba nelungelo elilodwa. Ngokukhawuleza kufuneka siguqule iimo zoqoqosho ezingalinganiyo kuluntu lwethu ezibangwa yimithetho nedlela ekwakusenziwa izinto ngexesha localucalulo lwamandulo, sithomomalise amaxhala angenasiseko sihlumise ubulungisa. Isikhokelo sengxoxo sigxininisa kumba wokungalingani kobutyebi.*

## **Isizwe esahlulelene kakhulu ngomba wemihlaba, ukwenziwa kwembuyekezo, nobunini bobutyebi.**

Isizwe sethu soyisiwe kukusombulula sigutyule izivubeko zengcinezelo ezi kungalingani ngokwezoqoqosho, ukungalingani ngokobuni nobuhlanga kwiindawo zempangelo, ukungalingani kwezemihlaba, ukungalingani kwinqanaba lokufumana imfundo eyiyo neenkonzo zezempilo ezi zizo.

Kwangaxesha nye, isizwe sethu sahlukene singavani ngendlela esibona ngayo iinkonzo zikarhulumente zokulungisa lo nxantathu wokungalingani: ukwenziwa kwembuyekezo ( kwiindawo zempangelo), ukulungiswa kobunini bemihlaba ( ukungalingani ngokwabelana ngemihlaba) , ukungahlawuleli imfundo / ukufumana iinkonzo zempilo simahla ( ukungalingani ngokweenkonzo zemfundo nezempilo).

Sifuna amabali neencoko ezizizo ezisuka ebantwini nezinokudala umbono omtsha neembono ezintsha kule miba yokulingana ngokwezomhlaba, ukulingana kwiindawo zempangelo, ukulingana ngokwezempilo / nezemfundo elinganayo.

Isikhokelo sengxoxo sijonge ukunikezela ngamathuba kumakhulu-khulu abemi boMzantsi Afrika ukuba babelane ngamava nezimvo zabo malunga nenkqubo yembuyekezo, inkqubo yokwabiwa kwemihlaba, inguqu kwezemfundo nezempilo. La mava nezi mbono ziza kudityaniswa zibe yincwadi okanye ezinye izixhobo eziya kusetyenziselwa ukuxoxa nabo basemagunyeni ukuze kuqulunqwe umbono omtsha ngale miba yokungalingani.

Siyanibulela kwangoku ngokuzinika ithuba lokuthabatha inxaxheba kule nkqubo ibaluleke kangakanana.

# **ISIQENDU 1: AMAVA NGOBUHLANGA, ILUNGELO ELILODWA NOKUNGALINGANI**

## **UMXHOLO 1: UKUNGALINGANI NGOBUNINI BOMHLABA**

Siyanimema ukuba nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

- Ukubangaba usapho lwakowenu lwalulixhoba lokufuduswa ngenkani, ingaba yaluchaphazela njani loo nto yokufuduswa ngenkani. Ungathanda ukwabelana ngala mabali?
- Ungathanda ukwabelana ngebali lakho malunga namava onawo ( amahle namabi) njengomsebenzi wasemigodini ngexesha lengcinezelo?
- Athini amava akho ngokubulawa kwamafama? Ingalungiswa njani le ngxaki?
- Ungathanda ukwabelana ngamabali akho angamava onawo ( amahle namabi) njengomsebenzi wasezifama ngexesha lengcinezelo? Ingaba iimeko zentlalo nezokusebenza ezifama ziguqukile emva kowe-1994?
- Athini amava akho ngokuphela kwemisebenzi nokudendwa kwabantu ezifama? Ikuchaphazele njani wena nosapho lwakho le meko? Ungakuthanda ukwabelana ngala mabali namava?
- Ayintoni amava akho ngorhwaphilizo ngokuphathelele kufunyano lwemihlaba?
- Ulindele ukuba enze ntoni urhulumente ukuze kubekho ukulingana kwabo bonke kwicala lobunini bemihlaba? Ingaba loluphi uhlobo lweenkokheli esinokuthi silufune kwabezopolitiko noluzwa kwenza ukuba lo mbono ube yimpumelelo. Zeziphi iindlela ezizizo zokuziphatha kweenkokheli zopolitiko esinokuthi sizilindele ngokubhekiselele kubunini bemihlaba?

## **UMXHOLO 2: UKUNGALINGANI KWEENKONZO KWEZEMFUNDO NEZEMPILO**

Siyanimema ukuba nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

- Athini amava akho ngobunzima oqubisene nabo phambi kokufumana iinkonzo zempilo ngexesha lengcinezelo? Ingaba ezo meko zaguquka?
- Ayintoni amava akho ngokuphuma kwabantu abatsha esikolweni phambi kwexesha (kumabanga asezantsi naphezulu) ngexesha lengcinezelo? Ingaba ezi meko zaguquka?
- Athini amava akho malunga nobunzima bokungena eyunivesithi ngexesha lengcinezelo? Ingaba loo meko yaguquka?
- Athini amava akho ngabazali abangakwazanga ukuhlawula iimali zesikolo ( kumabanga aphezulu naseyunivesithi) ngexesha lengcinezelo? Ingaba loo meko yaguquka?
- Ayintoni amava akho ngorhwaphilizo kwicala lokuzuza iinkonzo zempilo nezemfundo?
- Ulindele ukuba enze ntoni urhulumente ukuze kubekho ukulingana kwicala lokuzuza imfundo efanayo nesemgangathweni kunye neenkonzo zempilo ezisemgangathweni? Ingaba loluphi uhlobo lweenkokheli esinokuthi silufune kwabezopolitiko noluzwa kwenza ukuba lo mbono ube yimpumelelo. Zeziphi iindlela ezizizo zokuziphatha kweenkokheli zopolitiko esinokuthi sizilindele ngokubhekiselele kwimiba yeenkonzo zemfundo nezempilo.

## **UMXHOLO 3: UKUNGALINGANI EKUFUMANENI AMATHUBA EMISEBENZI**

Sinimemela ekubeni nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

- Ngexesha lengcinezelo, ayeyintoni amava akho nawosapho lwakho ngobunzima bokufumana umsebenzi? Ingaba loo meko yaguquka?
- Ngexesha lengcinezelo, ayeyintoni amava akho nawosapho lwakho ngokudendwa emsebenzini? Ingaba loo meko yaguquka?
- Urhulumente unesicwangciso senkqubo yokubuyezwa. Ingaba esi sicwangciso sikuchaphazele njani wena nosapho lwakho? Athini amava akho ngesi sicwangciso?
- Ingaba athini amava akho ngokunganyaniseki ngakwicala lokuvuleleka kwemisebenzi?
- Ulindele ukuba enze ntoni urhulumente khon' ukuze kuvuleleke amathuba alinganayo emisebenzi? Ingaba loluphi uhlobo lweenkokheli esinokuthi silufune kwabezopolitiko noluza kwenza ukuba lo mbono ube yimpumelelo. Zeziphi iindlela ezizizo zokuziphatha kweenkokheli zopolitiko esinokuthi sizilindele ngokubhekiselele kumathuba okufumana umsebenzi?

## **ISIQENDU II: AMAVA NGOBUHLANGA KWIINDAWO ZEMISEBENZI, EZIKOLWENI NASEZICAWENI**

### **UMXHOLO 4: AMAVA NGOBUHLANGA KWIINDAWO ZEMISEBENZI NASEZIKOLWENI**

Siyanimema ukuba nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

Kwindawo oxelenga kuyo, ayintoni amava akho :

- Iingcinga ezingwenxa ezinobuhlanga
- Ukubona ngendlela engwenxa ngabantu bohlanga oluthile, ubuzwe obuthile nabambono zingaguqukiyo nangona zinxaxhile.
- Iintetho ezingobuhlanga, ukuhlelisa ngobuhlanga, nokuphawula okunobuhlanga
- Ukucalu-calula abantu bolunye uhlanga nobuzwe njengamakheswa.

Ungathanda ukwabelana nabanye ngala mabali ukuphuhlisa amava onawo?

Kufuneka kwenziwe ntoni ukuze isizwe sibulwe obu buhlanga kwiindawo zokuxelenga?

### **UMXHOLO 5: AMAVA OBUHLANGA NGAPHAKATHI ECAWENI**

Siyanimema ukuba nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

KwiBandla lakho nakwiDayosisi yakho, ayintoni amava akho ngokubhekiselele koku:

- Iimbono ezinobuhlanga noloyiko lwabantu bohlanga oluthile / ubuzwe obuthile;
- Impatho kubantu bohlanga/ ubuzwe obuthile njengamakheswa;
- Amalungelo awodwa namathuba afunyanwa kuphela ngabantu bohlanga / ubuzwe obunye abanye bangafumani.
- Ukusoloko kungcikovwa nokuhleba okubhekiselele kubantu bohlanga oluthile /ubuzwe obuthile.

Ungathanda ukwabelana nabanye ngebali eliphuhlisa la mava?

Kungenziwa ntoni ukomeleza amava amahle? Kungenziwa ntoni ukulungisa amava amabi?

Kufuneka senze ntoni kwiDayosisi yethu / kwiBandla lethu ukuze siphuhlise uluntu olukholwayo apho  
“*Kungekho Myuda nowentlanga, khoboka nokhululekileyo, ndoda namfazi*”(Galati 3:28)

## UMXHOLO 6: AMAVA OBUHLANGA EZIKOLWENI /YUNIVESITHI

Sinimemela ekubeni nabelane ngamabali enu kunye nabanye nisebenzisa le mibuzo ingezantsi okanye eminye yayo:

Esikolweni sakho okanye kwiyunivesithi okuyo, ayintoni amava akho ngoku:

- Ukuthabatheka ngobuhlanga okanye uloyiko lwabantu beqela lohlanga oluthile okanye ubuzwe obuthile.
- Imbono ezimbi ngakubantu bolunye uhlanga okanye ubuzwe.
- Iintetho ezinobuhlanga, ukuhlelisa okunobuhlanga nokuphawula okunobuhlanga
- Ukuphatha abantu bolunye uhlanga okanye ubuzwe obuthile njengamakeswa.
- Ukungcungcuthekisa abantu abahlukileyo kuni.

Ungathanda ukwabelana nabanye ngebali eliphuhlisa la mava?

Kufuneka kwenziwe ntoni ukuze ilizwe lijongane nale ngxaki yobuhlanga ezikolweni naseziyunivesithi?

“*Yanga iNkosi yoXolo ingasipha isizwe sethu uxolo, impiliso noxolelwaniso esilulangazelelayo.*(2 Kawbase Tesalonika 3: 16)” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).

“*Siyaqonda ukuba asiyongxoxo ilula le, yileyo uninzi lwethu lukhetha ukucwezela kuyo. Isimemo sethu ngoko sokuqwalasela lo mba singavuselela iimvakalelo ezininzi eziquka ukuzenza msulwa ukuziva unobutyala kwanokubetha ngoyaba lo mba. Kwelinye icala kungakho imvakalelo yomsindo ngaxalimbi nokudakumba. Igxoxo enengqiqo nentlonipho ingundoqo ukuze sivuleleke ekwamkeleni impiliso kaThixo*” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)